Isalathiso: 20200617-6545
Inombolo yefayi: 5/1/7/4
Imibuzo: JT Solomons

ISetyhula: 0052/2020
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kuBaphathi Sekethe nakumagosa akwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili

Isishwankathelo esifutshane: *Ukwazisa amagosa asebenzisa izithuthi zikarhulumente (zeGG) ngemisebenzi eluxanduva yabo ngokuphathelele ekungenisweni qho ngenyanga kweelogshithi zezithuthi zeGG (GMT 2019/08).*

Isihloko: Ukungeniswa qho ngenyanga kweelogshithi zezithuthi zikarhulumente (zeGG)

1. Le setyhula sele ihlaziywe ngokutsha ikwatshitshisiwe yaye ithatha indawo ngokupheleleyo yeSetyhula 0027/2015, yowe-10 Apreli 2015.

2. Ukufakwa ekhompyutheni kweelogu zeehambo ezichanekileyo ngesithuthi seGG ngasinye kubalulekile, phakathi kwezinye izinto, ezizezi zilandelayo:
   - linkcukacha zeehambo ezichanekileyo zegosa ngalinye;
   - Ukufakwa ekhompyutheni kweenkcukacha ze-odomitha ukulungiselela ukuhlawulwa ekupheleni kwenyanga kwesithuthi seGG ngasinye yiGaraji yezoThutho kaRhulumente (*GMT*) eKapa;
   - Imibuzo ngezityholo zokusetyenziswa kakubi kwezithuthi;
   - Uphando malunga nokungqubana/malunga nengozi;
   - linkcukacha zokuzazisa zomqhubi
   - Nolawulo lolwaphulo-mthetho lwezendlela ngokoMthetho i-*Administrative Adjudication of Road Traffic Offences Act, 1998 (Act 46 of 1998*), njengoko ufakelwe izilungiso, (Isistim yokuxhuzulelwa amanqaku elayisensi yokuqhuba)

3. Inkqubo yokubalwa kwentlawulo eyenziwa yi*GMT* ixhomekeke ekungenisweni ngokuchanekileyo kwee-*odometer readings* zezithuthi zeGG, ezifakwa kwisistim i-*iFleetman client module facility*. Ezi *odometer readings* ziya kuqala ziqinisekiswe ngokunxulumene nesistim i-*vehicle tracking* okanye i-*eFuel information*. Emva koko,

iya kuhlawulwa, ize i-akhawunti igqithiselwe nge-imeyili kwisebe ukwenzela ukuba ingqinisiswe ukunyaniseka ngokunxulumene neelogshithi ze*GG* ukuqalisa intlawulo.

3.1 Kucelwa wazi ukuba xa *odometer readings* zingangeniswanga ngexesha, i*GMT* iya kuhlawula ngomndilili weekhilomitha ezihanjiweyo ngesithuthi se*GG* ngasinye ngenyanga.

4. Kuyimfuneko kakhulu ke ngoko ukuba iilogshithi zesithuthi zingeniswe kwangethuba phambi komhla we-23 wenyanga nganye. UNdlunkulu nee-ofisi zezithili ezisebenzisa i-*client module* kwisistim i-*iFleetman ukufaka ii-odometer readings,* maziqinisekise ukuba zonke ii-*odometer readings* zezithuthi ze*GG* ziyaqokelelwa yaye zifakwe kwisistim phambi okanye ungadlulanga umhla we-25 kwinyanga nganye.

5. Ukungaphumeleli kwamagosa ezothutho ukungenisa iilogshithi zezithuthi ze*GG* ezifunekayo ngomhla osikiweyo kunokukhokelela ekubeni izithuthi ze*GG* zihlawulwe ngokwemindilili eya kuba nesiphumo esingesihle kwinkqubo yohlahlo lwabiwo-mali. ISebe leMfundo leNtshona Koloni liya kuthi ke ngoko linyanzeleke ukuba lithathe amanyathelo ngakumagosa ezothutho angaphumeleliyo ukulungelelanisa *(balance)* nokungenisa iilogshithi ngexesha yaye kuya kuthathwa amanyathelo okujongana neziphumo zoku.

6. Iilogshithi ze*GG* mazingeniswe kwaNdlunkulu, qho ngenyanga, phambi kowe-23 wenyanga nganye elandelayo. Ishedyuli yelogshithi eqhotyoshelweyo mayizaliswe yaye ihanjiswe neelogshithi. Igosa ngalinye elisebenzisa isithuthi sikarhulumente, ke ngoko, linomsebenzi oluxanduva lokuqinisekisa ukuba iilogshithi zezithuthi zisiwa kwigosa lezothutho kwangexesha elilo.

7. Ukufumana ingcaciso engaphezulu, kungaqhagamshelwana nawo nawaphi na amagosa kwaNdlunkulu angala alandelayo:

Nksk F Abdou	Inombolo yefoni 021 467 2811
Nksk C Albertus	Inombolo yefoni 021 467 2794
Nks V Ntshinga	Inombolo yefoni 021 467 2808
Nks A Gana	Inombolo yefoni 021 467 2715

8. Okukule setyhula makwaziswe bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-10-26